Isifundo 10

**Matshi 2–8*

IGospile KaThixo Engunaphakade

Sabatha Emva Kwemini

Fundela Isifundo Sale Veki:
IsiTy. 14:6–12; Mat. 24:14; Intsh. 12:13, 14; Eks. 20:2–11; Isa. 21:9; 34:8–10.

Indima Yenkumbulo:
"Nalu unyamezelo lwabangcwele; naba abayigcinayo imithetho kaThixo nokholo lukaYesu" (IsiTyhilelo 14:12, NKJV).

IsiTyhilelo sibonisa ukuba inkohliso kaSathana yexesha lokuphela iya kuba nempumelelo enkulu kangangokuba umhlaba uya kukhetha ukunqula irhamncwa lamkele uphawu lwalo. Kanti ke, IsiTyhilelo 14:1–5 sisixelela ukuba uThixo uya kuba nesisalela saKhe, abo baya kumela iNkosi xa uninzi lwehlabathi lungemi.

Ekugqibeleni, abantu kuza kufuneka bekhethile, hayi ukuba banqule okanye banganquli (wonke umntu usoloko enento ayinqulayo), kodwa ukuba makanqule bani na. Abanqula irhamncwa baya kwamkela uphawu emabunzini abo okanye ezandleni zabo zokunene, umfuziselo wokukhetha kwabo ukukhonza olu hlelo lokreqo ngeengqondo nezenzo zabo. Kwangelo xesha linye, umhlaba uya kuba nokuvakaliswa okukhulu kweendaba ezilungileyo, ngendlela ekungazanga kwenjiwa njalo kususela kumhla wePentekoste. Phambi kokuthululwa kwezigwebo phezu koluntu oluvukelayo, uThixo uya kuthumela izigidimi zaKhe zokulumkisa. Imisebenzi kaSathana isemhlabeni wonke; ngoko ke, ukuvakaliswa kwesigidimi sexesha lokuphela kuya kuba njalo nako. UThixo akangi kungakho noyedwa otshabalalayo kodwa unga bonke bangasindiswa, nto leyo eyenza ukuba uKristu afele lonke uluntu. Umcimbi ngowokuba ngubanina oya kuwamkela ingubani ongayi kuwamkela lo msindleko.

**Funda Isifundo sale veki ukulungiselela iSabatha kaMatshi 9.*

Izigidimi Zeengelosi Ezintathu

Kanye ngaphambi kwesiphelo, uThixo uthumela izigidimi zaKhe zokulumkisa, ezizotywe ngokomfuziselo ngokweengelosi ezithethayo ezibhabha esibhakabhakeni. Igama lesiGrike lengelosi (angelos) lithetha "umthunywa." EBhayibhileni, iingelosi zikholisa ukumela abantu abasemsebenzini kaThixo (Mal. 2:7, Mat. 11:10). Ubungqina besiTyhilelo bunika into ethi iingelosi ezintathu zimele abantu bakaThixo abanikwe isigidimi sexesha lokuphela ukuba basixelele umhlaba.

Funda: IsiTyhilelo 14:6 kunye noMateyu 24:14. Isigidimi sengelosi yokuqala kuthiwa "ziindaba ezingunaphakade" (IsiTy. 14:6). Kusixelela ntoni oku ngokuqulathiweyo kunye nenjongo yesigidimi sengelosi yokuqala? Kutheni le nto esi sigidimi sisembindini wako konke esikukholelwayo?

Esi sigidimi sokuqala sexesha lokuphela siyigospile. Igospile ziindaba ezilungileyo ezingoThixo, osindisa abantu ngenxa yoko uYesu Kristu wabenzela kona. Isigidimi sengelosi yokuqala siyigospile "engunaphakade" kuba siyinxalenye yelinge eliqhubekayo likaThixo lokubuyisela kuYe uluntu oluwileyo, icebo elabekwa endaweni kwaphambi kokuba sibekho (2 Tim. 1:9, Tito 1:2). Igospile iquka usindiso nomgwebo. Izindaba ezilungileyo zosindiso kwabo bayamkelayo, kodwa ikwangumgwebo kwabo balalayo ithemba elinikayo.

Iingelosi ezintathu zichazwa njengezivakalisa izigidimi "ngezwi alikhulu" (IsiTy. 14:7, 9). Isigidimi sikhawulezile kwaye sibalulekile; kufuneka siviwe ngabo bonke kuba sijonge isiphelo sabo esingunaphakade. Kangangokuba, kufuneka sivakaliswe kuzo zonke izizwe, nentlanga, neelwimi, nabantu. Oku kubaluleke ngendlela eyodwa xa kujongwe ukuba, ngexesha lokuphela, irhamncwa liya kusebenzisa igunya lalo elilinikwe nguSathana phezu kwazo zonke "izizwe, neelwimi, neentlanga" (IsiTy. 13:7). Njengokuba imisebenzi kaSathana izalise wonke umhlaba, kunjalo nokuvakaliswa kwegospile yexesha lokuphela. Izigidimi zeengelosi ezintathu zivakaliswa ngabantu bakaThixo ukuba zithintele imimoya emithathu yenkohlakalo efana namasele ephuma emlonyeni wetriniti engcolileyo (IsiTy. 16:13, 14). Izigidimi zayo inika inkohliso [unomgogwana] yezigidimi zeengelosi ezintathu. Ngoko ke, ngexesha lokuphela, umhlaba uya kuba nezigidimi ezibini eziphikisanayo, iseso sinomgomo wokuzuza ukuthotyelwa ngabantu bomhlaba.

SingamaSeventh-day Adventists, zibizwe ukuba sifikelele kumhlaba wonke ngegospile. Wena (ewe, wena) wenza ntoni ukunceda ukuba kwenzeke oko? Yintoni enye onokuyenza ngaphezu koko?

Isigidimi Sengelosi Yokuqala, Isiqendu 1

Funda: IsiTyhilelo 14:7 kunye neNtshumayeli 12:13, 14. Kuthetha ukuthini "ukoyika uThixo"? Imbono yokoyika ihambelana njani negospile, kwaye igospile inantoni yokwenza nokugcinwa kwemithetho kaThixo? (Bona nakumaRoma 7:7–13.) Kuhlangene ngantoni ukoyika uThixo nokumzukisa?

Ubizo "[lokoyika] uThixo nimzukise" (IsiTy. 14:7) luvakaliswa kwimo "yegospile engunaphakade." Ukuyiqonda into eyenziwe nguKristu ukusisindisa kunesiphumo esikukusabela okuhle kuYe [okanye kubizo lwaKhe]. KwisiTyhilelo, ukoyika uThixo nokumzukisa kuhlanganiswe kunye (IsiTy. 11:13, 15:4). Lo gama ukoyika kunika ilungelo lolwalamano olululo noThixo (Yobhi 1:8), ukuzukisa kwalatha ekumthobeleni, uThixo.

Ukoyika uThixo akuthethi ukumoyika kodwa ukumbeka nokumnika indawo yaKhe efaneleyo ebomini bethu. Abantu bexesha lokuphela ngabo bamoyikayo uThixo (bona IsiTy. 11:18, 19:5). Umntu omoyikayo uThixo uyamzukisa ngokumthobela (Dut. 5:29, Eccl. 12:13) nangokubonisa isimilo sikaThixo (Gen. 22:12).

Inkuthazo yokoyika nokuzukisa uThixo yethi, "lifikile ixa lokugweba kwaKhe" (IsiTy. 14:7). Umgwebo obonwa apha ngumgwebo ophambi kokufika kwaKhe, owenzeka phambi kokuBuya kwesiBini. Injongo yomgwebo waphambi kokufika kwaKhe kukugqibezela ukukhetha kwethu ukuba siyamnqula asimnquli ngokwenene na uThixo (ukukhetha okubonakalaliswa yimisebenzi yethu). Ekugqityweni kwalo mgwebo, isiphelo somntu ngamnye siya kuba segqityiwe/simisiwe (IsiTy. 22:11), aze uYesu eze ezisa umvuzo waKhe kuye wonke umntu ngokwezenzo zakhe (IsiTy. 22:12).

Umgwebo okwisiTyhilelo 14 uyinxalenye yegospile. Kwabo bakulwalamano olulungileyo noThixo, umgwebo uzindaba ezilungileyo; uthetha impindezelo, usindiso, nenkululeko. Sekunjalo, uzindaba ezimbi kwabanganyanisekanga. Isigidimi somgwebo ozayo lubizo oluza kubo ukuba babuyele kuThixo, baguquke, kuba uThixo akafuni nomnye ukuba atshabalale, kodwa bonke beze enguqukweni (2 Pet. 3:9).

Ungakwazi njani ukuma uwedwa emgwebeni? Sisigwebo esithini ongasiqinisekiswa yimisebenzi yakho? Impendulo yakho ikuxelela ntoni ngokudinga kwakho igospile, nokuba kungani ukuba ihlanganiswe ngokwayame kakhulu nesigidimi sengelosi yokuqala?

Isigidimi Sengelosi Yokuqala, Isiqendu 2

IsiTyhilelo sibonisa ukuba imiba esembindini wengxubakaxaka yokugqibela yembali yehlabathi iya kuba lunqulo nokuthobela uThixo, okubonakala ngokugcinwa kwemithetho yaKhe (IsiTy. 14:12). Abantu bomhlaba baya kuba ngamaqela amabini: abo bamoyikayo bamnqule uThixo, nabo baloyikayo balinqule irhamncwa.

Phinda uqwalasele imithetho emine yokuqala yemiThetho eliShumi (Eks. 20:2–11). Emva koko funda IsiTyhilelo 13. Ukunyanzelisa kwerhamncwa ukuba linqulwe (IsiTy. 13:15), ukumiswa komfanekiselo werhamncwa ukuba unqulwe (IsiTy. 13:14, 15), ukunyeliswa kukaThixo negama laKhe (IsiTy. 13:5, 6), nokwamkelwa kophawu lwerhamncwa (IsiTy. 13:16, 17) kwalatha njani kuhlaselo lukaSathana imithetho emine yokuqala yemiThetho eliShumi ngexesha lobunzima bokugqibela?

Imbono esembindini wemithetho emine yokuqala yemiThetho eliShumi ihambelana nonqulo. IsiTyhilelo sibonisa ukuba imithetho iya kuba ngumgangatho wokunyaniseka kuThixo ngexesha lobunzima bokugqibela. Ungquzulwano lokugqibela phakathi kukaKristu noSathana, ngokucacileyo, luya kujikeleza kunqulo kunye nemithetho emine yokuqala.

Umba ongundoqo kwinzima yokugqibela ucinezelwe kwisiyalo sesibini sesigidimi sengelosi yokuqala. Ubizo lokuba "kunqulwe Lowo wenza izulu nomhlaba, nolwandle nemithombo yamanzi" (IsiTy. 14:7) kukurhesha ngelizwi kumthetho wesine wemiThetho eliShumi (Eks. 20:11). Oku kubonisa ukuba ubizo lokuba kunqulwe uThixo onguMdali lwenziwa kwimo yokugcinwa kweSabatha.

KwimiThetho eliShumi, njengakuyo yonke iBhayibhile, unqulo lwenene luhlanganisa nosuku olululo lokunqula. ISabatha yomhla wesixhenxe ingumqondiso okhethekileyo wolwalamano lwethu noThixo (Eks. 31:13, Hez. 20:12). Isigidimi sengelosi yokuqala sibonisa ukuba ngexesha lesiphelo abantu basemhlabeni baya kubizwa ukuba babuyele kuMdali onguThixo oyinyaniso aze anikwe indawo yakhe efaneleyo ebomini babo. Esi sigidimi singqubana nemisebenzi yenkohliso kaSathana yexesha lokuphela yokurholela umhlaba kwinkolo yobuxoki banqule uThixo ongunomgogwana. Embindini wako konke kuya kuba kukho umthetho wesine, iSabatha yosuku lwesixhenxe.

"Ngeli xesha ukugcinwa kweSabatha yobuxoki ngokuthobela umthetho wesizwe, ngokuchasene nomthetho wesine, kuya kuba kukufungisisa kokuthobela igunya elichasene noThixo, ukugcinwa kweSabatha yenyaniso, ukuthobela umthetho kaThixo, bubungqina bokunyaniseka kuMdali. Lo gama olunye udidi, ngokwamkela umqondiso wokuziyekela kumagunya asemhlabeni, lusamkela uphawu lwerhamncwa, olunye lukhetha uphawu lokuthobela igunya lezulu, lwamkela itywina likaThixo."—Ellen G. White, *Imbambano Enkulu*," iph. 605.

Isigidimi Sengelosi Yesibini

Njengokuba izigidimi zengelosi yokuqala zibizela abantu ekubeni bamoyike bamzukise uThixo oyinyaniso, eyesibini yazisa intshabalalo yeBhabheli yexesha lokuphela njengohlelo lwenkolo yobuxoki.

Funda: IsiTyhilelo 14:8 kunye nesiTyhilelo 18:2 noIsaya 21:9. Ukuphinda okuntlantlumbini kwegama "iwile" kwalatha ekuqinisekeni kwesiphelo seBhabheli. Kutheni le nto iBhabheli ichazwa njengesele iwile nangona ukuwa kwayo kuza kwenzeka kwixesha elizayo?

Apha kuthethwa ngeBhabheli njengomzi omkhulu. Isizathu soku kungokuba umfuziselo weBhabheli kwisiTyhilelo kumile kwimbali yeBhabheli eyayiligunya elingahloneli Thixo elalichasa uThixo licinezela abantu baKhe. UIsaya 14:12–15 uyilinganisa iBhabheli noSathana nemizamo yakhe yokuzenza alingane noThixo. IBhabheli yexesha lokuphela kwisiTyhilelo ligama letriniti ekhohlakeleyo ezimanye nezinye iinkolo zobuxoki (IsiTy. 17:5). Ezi ziza kuzibeka ekusebenzeleni uSathana ukuchasa abantu bakaThixo (bona IsiTy. 13:11–18). Olu manyano lokreqo luya kubonakalalisa ukuzigwagwisa kweBhabheli yakudala ekuziphakamiseni kwayo ngaphezu kukaThixo nokuzama ukuthabatha indawo yaKhe kulo mhlaba. Isigidimi sengelosi yesibini siqinisekisa abantu bakaThixo ukuba olu hlelo lukhohlakeleyo luza kuba nesiphelo, kanye njengoko yenzayo iBhabheli yakudala.

Funda kwakhona IsiTyhilelo 14:8 no-17:2 no-18:3. IBhabheli iwenza njani umhlaba ukuba unxile iwayini yobuhenyu bayo? Ingantoni le wayini?

IBhabheli imangalelwa ngokunxilisa zonke izizwe ngewayini yengqumbo yobuhenyu bayo. UYeremiya uthetha ngeBhabheli eseza izizwe zomhlaba (Yer. 51:7). IsiTyhilelo 17 sinika umfanekiso weBhabheli yexesha lokuphela njengehenyukazi elenza abantu bomhlaba banxile yiwayini yokuziphatha kakubi kwayo (bona IsiTy. 17:2). Oku kwalatha kwisiTyhilelo 13 apho itriniti ekhohlakeleyo iwexula abantu bomhlaba ukuba banqule irhamncwa nomfanekiselo walo (IsiTy. 13:11–18). Iwayini yeBhabheli ibhekisa kwiimfundiso zobuxoki negospile yobuxoki enikwa lolu hlelo lwenkolo yokreqo. Abantu abanxilileyo abakwazi ukucinga ngokunendili. Bathi xa abantu benxila ngokwasemoyeni yiwayini yaseBhabheli, iBhabheli iya kuzilawula izazela zabo ibawexulele ekunquleni irhamncwa bamkele uphawu lwalo irhamncwa. Xa impembelelo yokunxila kwabo idlule, baza kuqonda ngeziphumo zezigqibo nezenzo zabo, kodwa, koba sele kusemva kakhulu. (IsiTy. 17:15–17).

Isigidimi Sengelosi Yesithathu

IsiTyhilelo 14:12 sibabonisa njani abantu abathembekileyo bakaThixo?

Ngokuchasene naba bantu, IsiTyhilelo 14:9, 10 silumkisa ngesiphelo sabo bajongene nengqumbo kaThixo. KwiTestamente eNdala, ukuthululwa kwengqumbo kaThixo kuchazwa ngokomfuziselo njengokuselwa kwewayini ephuma kwindebe (Yer. 25:15, 16). Ubunzima besigwebo kwabo banqula irhamncwa bubekwa njengokusela iwayini yengqumbo kaThixo egalelwe ingaxutywanga endebeni. Abantu bakudala babekholisa ukuyixuba iwayini namanzi ukucutha amandla ayo anxilisayo. Ukwandisa amandla ayo anxilisayo, iwayini engaxutywanga yayihlanganiswa nemithi kunye neziqholo. Iwayini eyenziweyo kodwa ingaxutywanga imele ukuthululwa kwengqumbo kaThixo ngokupheleleyo ingaxutywanga nenceba (bona iNdumiso 75:8).

Funda: IsiTyhilelo 14:10, 11 nesiTyhilelo 20:10–15. UIsaya 34:8–10 noYuda 7 banika ukukhanya okunjani kule ntetho: "Umsi wokuthuthunjelwa kwabo unyuka use emaphakadeni asemaphakadeni"?

Intetho yothuthumbiso ngomlilo nesulfure ibhekisa kwintshabalaliso epheleleyo. Umlilo nesulfure yindlela yokugweba (Gen. 19:24, Isa. 34:8–10). Umsi onyukayo wentshabalaliso ngumfanekiselo owaziwa kakhulu eBhayibhileni. UIsaya waprofeto ngentshabalalo ezayo yakwaEdom ngomlilo nesulfure: iya kuba libala elivuthayo; "aliyi kucinywa ubusuku nemini; umsi walo uya kunyuka ngonaphakade" (Isa. 34:10). UYuda uchaza isiphelo seSodom neGomora njengezohlaywa "ngomlilo ongunaphakade" (Yuda 7). Ezi ndima azithethi ngokutsha okungenasiphelo, kuba akukho nasinye kwezi zixeko esisavuthayo namhlanje. Iziphumo zingunaphakade, hayi ukutsha ngokwako. 'Umlilo ongunaphakade" kwisiTyhilelo ubhekisa ekugutyulweni; ukuvutha kuya kuba kude ngokwaneleyo ukuba ukudla komlilo kuphelele kude kungabikho nto isalayo ukuba itshe.

Nangona sinokuba nombulelo ngenyaniso enkulu yokuba imililo yesihogo ingabathuthumbisi abalahlekileyo ngonaphakade, isohlwayo sona sise sibi ngokwaneleyo. Oku kunokusixelela ntoni ngobungcwele bomthwalo esiwunikiweyo wokulumkisa abanye ngoko kuzayo?

Ingcamango Eyongeziweyo:

Funda: Ellen G. White, "The Final Warning," pp. 603–612, kwiMbambano Enkulu. IsiTyhilelo sibonisa ukuba ngexesha lokuphela, abantu bakaThixo bathunywe ukuba bavakalise igospile yexesha lokuphela emhlabeni. Umsebenzi ophambi kwethu ubonakala utyhafisa, uyinto nje engenakwenzeka. Sekunjalo, sinesithembiso samandla kaThixo. "Umsebenzi omkhulu wegospile awuyi kuvala ngokubonakalaliswa okunganeno kwamandla kaThixo kunasekuqaleni kwawo. . . . "Isigidimi asiyi kuthwalwa kakhulu ngengxoxo kunokoyiseka okunzulu ngoMoya kaThixo. Iingxoxo zenziwe. Imbewu ihlwayelwe, ngoku iza kuntshula ikhule ithwale isiqhamo."—Ellen G. White, *Imbandezelo Enkulu,* amaph. 611, 612. Ukugqitywa kokuvakaliswa kwesigidimi sesilumkiso sokugqibela kuya kuba nesiphumo sokwahlukanisa abantu emhlabeni babe ngamaqela amabini: abo banobudlelane noThixo nabo bakhetha ukulandela irhamncwa. Oku kwahlukana kuzotywe ngezivuno ezibini: ukuqokelelwa kwengqolowa ifakwe koovimba (IsiTy. 14:14–16) zize iidiliya zixovulwe esixovulelweni (IsiTy. 14:17–20). Lo ngumxholo wesiTyhilelo 17–18.

Imibuzo Yokuxoxwa:

1. Cingani ngale nto: Ngoobani abashumayela izigidimi zeengelosi ezintathu ingengawo amaSeventh-day Adventists? Imele ukusixelela ntoni le nto ngendlela obaluleke ngayo umsebenzi wethu? Kunjani ukuwuthabatha kwethu ngendili?

2. Yintoni eyenza ukuba nicinge ukuba umgwebo yingcamango engaqhelekanga kumaKristu amaninzi? Ifaneleke kangakanani ingcamango yomgwebo wophengululo [umgwebo oqalwa ngaphambi kokuBuya kwesiBini] kumaKristu namhlanje? Ningawanceda njani amanye amakholwa ukuba ayiqonde ngcono intsingiselo eyiyo yalo mgwebo waphambi kokuBuya kwesiBini?

3. Cingani ngomba weSabatha ngokweziganeko zokugqibela. Yintoni eyenza ivakale kakuhle kakhulu into yokuba iSabatha yosuku lwesixhenxe, ofikelela emva kwiveki yokuqala yeNdalo (Gen. 2:2, 3), iya kudlala indawo ephambili? Ukuba umba ngothi ngubani esimnqulayo, uMdali "wezulu nomhlaba" (IsiTy. 14:7), okanye igunya lerhamncwa, nokuba, xa iSabatha yosuku lwesixhenxe iyeyona indala, neyona isisiseko, nomqondiso oqinisekileyo wokuba ngumdali kukaThixo "izulu nomhlaba," ke kutheni le nto iSabatha, njengomnye wemithetho kaThixo (IsiTy. 14:12), idlala indawo ephambili kwixesha lobunzima lokugqibela?